

UMama usevenkileni. UKhosi usele noMakhulu.  UKhosi ufuna ukuphuma aye kuMakhulu.

“Hayi Khosi uzakuwa, ndilinde ndiyeza,” wanqanda uMakhulu.

UKhosi uyakhasa.  Ubona amanzi abekiweyo. Ufuna ukungena kuwo.

“Sukungena Khosi, yingozi leyo,” wanqanda uMakhulu.






UKhosi uxakekile kwakhona. Unxaniwe ubona ibhotile yesepha.

“Hayi Khosi yingozi leyo,” wanqanda uMakhulu.

UKhosi wolula ingalo. Ufuna iayini.

“Yeka Khosi uzakulimala,” wanqanda uMakhulu.





UKhosi uxakekile kwakhona. Usondela eplagini yombane. Ufuna ukufaka umnwe.

“Hayi Khosi uzakulimala!” Wanqanda uMakhulu.

UKhosi ufuna ukuncedisa. UMakhulu ubilisa amanzi.

“Yeka Khosi yingozi leyo,” wanqanda uMakhulu.





UMakhulu ubhekelisa yonke into. UKhosi ukhuselekile.

Ukonasa uKhosi akukho lula.